

Ukusebenzisa iChild's IZICATSHULWA ZOSINDISO

Ngu Linda Richey

UYesu ufuna abantwana beze kuye. Ngoku abantwan babesisiwa kuYesu ukuze ababeke izandla kwaye abathandazele, abafundi bakhe babahesha abantwana. UYesu wathi: “Bayekeni abantwana beze kum, sanukubamisa; kuba inkumkani lamazulu lelabo.” UMateyu 19:13-14

Ibali losindiso yindlela esinokuyisebenzisa ukusondeza abantwana kuYesu.

Singayisebenzisa njani lencwadi?

1. Njengesixhobo sevangeli ukuze sisondeze abantwana kuYesu.
2. Njengesixhobo solandela, sijonge umtwana owamkele uYesu.
3. Njengesixhobo sokuqeqesha nokolula abantwana ekukhokheleni abanye abantu kuYesu.
4. Njengesixhobo sokukhokhela abasebenzi babantwana.
5. Njengesixhobo sokufundisa abantu abangafundanga.

1. UTHIXO UYAKUTHANDA.



- a) Uthixo ngumdali wakho. Wazi yonke into ngawe. (KwabaseRoma 5:8)
- b) wena ubalulekile kuThixo. Ukunqwenelela okuhle kodwa. (Yohane 10:10)
- c) uThixo uyakuthanda kuba YENA uluthando. Akhonto inokwemza uThixo ayeke ukuthanda, noba wenza izinto ezimbi okanye wenza izinto ezintle soze ayeke ukuthanda. (Yohane 3:16; Uyohane Wokuqala 4:16; KwabaseRoma 8:38-39)

2. UNGUMONI SONKE SINGABONI.



- a) Sonke singaboni. Yiyo lento senza izinto ezingalunganga. Kulula ukwenza okubi kunokwenza okuhle kube sizalelwe esonweni. (KwabaseRoma 3:23)
- b) °Yintoni isono? Isono: 1) Kukwenza izinto uThixo angafuniyo ukuba uzenze. 2) Ukungenzi izinto uThixo afuna uzenze 3) Ukwenza izinto ezifunwa nguwe nokungathobeli imithetho kaThixo.
- c) Emveni kokuba uAdam noEfa baqhathwa nguSatana, isono saqala ebantwini.

- d) Isono seza nentlungu, intlupheko, izifo, ukufa nazo zonke izinto ezimbi elizweni eladalwa nguThixo.
- e) Isono siyasohlula kuThixo nakuzo zonke izinto ezintle asibekele zona.
- f) Isohlwayo sesono kukufa. UJesu Krestu, uNyana kaThixo, wthatha isohlwayo sethu ngoku wayesifela emnqamlezweni.

3. UYESU KRESTU, UNYANA KATHIXO WAFELA WENA WAZE WAVUKA.



- a) Uthixo ufuna ubelilungu losapho lwakhe.
- b) uYesu uNyana kaThixo wauka ezulwini ukuze azalwe engumntwana kwintombi uMariya.
- c) uThixo wayengumntu kwaye enguNyana kaThixo xeshanye. Wayengumntwana oyaye hamba isikolo, edlala netshomi kwaye esenza zonke izinto ozenzayo qha yena zage wona nakanye.
- d) UYesu wakhula waqala inkonzo. USathana wenza konke. okwakusemandleniakhe efuna uYesu one, enze izinto ezingalunganga kuThixo. Kodwa uYesu zange one.
- e) uYesu wayelidini. Wafa emnqamlezweni, wahlawule-la izono zeakho nezam. Xa sikholelwa, uBawo wethu uyasixolela asenze ilungu losapho lwakhe. (Yohane 1:12) UYesu uyindlela eya kuThixo ezulwini. (Yohane 14:6)
- f) Ngamandla kaThixo, uYesu Krestu wavuka esinqobile isono. Uyesu uyaphila nanamhlanje. (AmaKorinte Okuqala 15:3-4)

4. INTO OMAWUYENZE KUTHEMBA UYESUKWAY UMMEME EMPILWENI YAKHO.



- a) Xelela uThixo ukuba uyakholelwa ngentliziyo yonke ukuba uYesu Krestu nguNyana wakhe owafa emnqamlezweni, efela izono zethu kwaye waphinda wavuka. (KwabaseRoma 10:9-10)
- b) Xelela uThixo ukuba ungumoni kwaye wonile. Mcele ukuba akuxolele akuncede ufunde ukumthobeke maxesha onke. (Yohane Wokuqala 1:9)
- c) Mema uYesu Krestu abenguMsindisi, Ikumkani nomphathi wempilo yakho kwaye abengoyena mhlobo wakho. Yamkela isipho soSindiso esisuka kuThixo ngenceba yakhe. (Kwabase-Ephese 2:8)